Storybooks South Africa

global-asp.github.io/storybooks-southafrica

Indlela Iindlovu Ezafumana Ngayo Imiboko Emide

Written by: Judith Baker
Illustrated by: Wiehan de Jager
Translated by: Xolisa Guzula

This story originates from the African Storybook (africanstorybook.org) and is brought to you by Storybooks South Africa in an effort to provide children's stories in South Africa's many languages.

This work is licensed under a Creative Commons Attribution 3.0 International License.

https://creativecommons.org/licenses/by/3.0

Indlela Iindlovu Ezafumana Ngayo Imiboko Emide



Judith Baker
& Wiehan de Jager
Xolisa Guzula
Xhosa
Level 2

(imageless edition)



Sonke siyayazi into yokuba indlovu inomboko omde.



Kodwa kudala umboko wendlovu wawumfutshane kakhulu futhi utyebile okwesihlangu esibekwe ebusweni bayo. Wawuyimpumlo nje eqhelekileyo.



Ngenye imini kwazalwa ithole lendlovu. Lalinomdla ngayo yonke into. Lalisoloko linombuzo kwisilwanyana ngasinye.



Impumlo yalo yayinde kangangokuba yayinokukwazi nokuhlamba umqolo walo ngamanzi. Ukusukela ngaloo mini, zonke iindlovu zaba nemiboko emide eluncedo.



Impumlo yalo yayinde kangangokuba yayinokukwazi ukukha iziqhamo emasebeni aphezulu emithi.



Lalilangazelela ukwazi ngendlulamthi. “Kutheni unomqala omde?” labuza kwindlulamthi.



Lalilangazelela ukwazi ngomkhombe.
“Kutheni uneempondo ezitsolo?”
Labuza kumkhombe.



Ithole lendlovu lajonga impumlo yalo.
Kodwa lalingakwazi ukubona apho
yayiphela khona!



Ngokudikwa kukuphuncukwa sisidlo,
ingwenya yatshona phantsi kwamazi.



Lalilangazelela ukwazi ngemvubu.
“Kutheni unamehlo abomvu nje?”
Labuza kwimvubu.



Kanti lalilangazelela KAKHULU ukwazi ngengwenya. “Ingwenya itya ntoni ngesidlo sangokuhlwa?”



Impumlo yethole lendlovu yanwebeka, yanwebeka, yanwebeka laze. “Dudlu!” lawa labetheka ngomqolo.



Ithole lendlovu laxhathisa ngemilenze yalo yangemva eqinileyo, latsala, latsala, latsala. Kodwa ingwenya ayatsho ukuliyeka.



“Ungakulinge uphinde ubuze umbuzo onjalo!” watsho umama walo. Waze wahamba engatyhilekanga.



Kodwa ngokukhawuleza kwafika uNomyayi owayekrelekrele wathi, “Ndilandele siye emlanjeni. Apho uza kutsho ubone ukuba ingwenya itya ntoni ngesopholo.”



“Xhakamfu!” Impumlo yethole lendlovu yabe sele isezindlathini zengwenya. “Ingwenya iza kutya wena ngesopholo!” Wakhala watsho unomyayi.



“Goba uze ezantsi ndizokukuxelela,” laphendula ilitye. “Yehla, yehla, kwakhona.” Ngenene ithole lendlovu lagoba, lehla, laphinda lehla laze.



Ngenene ithole lendlovu lalandela unomyayi ukuya emlanjeni.



Lazinyanzela ezingcongolweni laze lema enyeleni yomlambo. Lajonga emanzini. Yayiphi ingwenya?



“Molo,” kwatsho ilityе elalingakwinyele yomlambo. “Ewe,” laphendula ithole lendlovu. “Ungandichazela ukuba ingwenya itya ntoni ngesopholo?”